# Ukuchaza Iinkolelo Zakho Ngokuthandana Kwabantu Besini Esinye

Sebenzisa eli phepha unokubhala kulo ukuze ucinge ngeendlela eziluncedo onokuchaza ngazo iinkolelo zakho.

*"Amazwi enu makasoloko ekholekile, . . . ukuze nikwazi ukuphendula bonke ngabanye."—Kolose 4:6.*

## 1




### NGAPHAMBI KOKUBA UPHENDULE, CINGA NGOKU:

Ngamanye amaxesha xa abantu besithi iBhayibhile iphelelwe, *eyona nto* bayitshoyo kukuba imigaqo yeBhayibhile yahlukile kweyabo. Ngaba ucinga ukuba umntu othetha naye uvakalelwa kukuba *yonke* imigaqo yeBhayibhile iphelelwe—kuquka nokwalela kwayo ubusela, ukukrexeza nokubulala?—Roma 13:8-10.

| Ziintoni ezisenokubangela ukuba lo mntu akholelwe koko? | Yiyiphi imibuzo osenokuyibuza ukuze wazi ngakumbi ngendlela lo mntu acinga ngayo? | Ziziphi izibhalo onokuzisebenzisa? |
|---|---|---|
| | | |

### CINGA NGENDLELA YOKUPHENDULA

"Imigaqo yeBhayibhile iphelelwe!"

"Abanye abantu batsho njalo. Kodwa mna ndikholelwa ngokwahlukileyo kuba . . ."



www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

# 2




## NGAPHAMBI KOKUBA UPHENDULE, CINGA NGOKU:

IBhayibhile ayitsho ukuba iminqweno yokuthandana nabantu besini esinye yimfuza okanye akunjalo. Ngoko endaweni yokuphikisana ngokuthandana kwabantu besini esinye, thethani *ngendlela yokuziphatha.*

Cinga ngento onokukuthelekisa nako. Yiyiphi enye indlela yokuziphatha enokwendela? Ngokomzekelo, iMizekeliso 29:22 ithi, abanye abantu *‘baba nomsindo*’ ibe *‘batyekele emsindweni*.’ Umpostile uPawulos wade wathi ngaye: “Xa ndinqwenela ukwenza okulungileyo, kusuke kubekho okubi kum.” (Roma 7:21) Ngaba simele sisoloko sikwenza esikunqwenelayo?

| Ziintoni ezisenokubangela ukuba lo mntu akholelwe koko? | Yiyiphi imibuzo osenokuyibuza ukuze wazi ngakumbi ngendlela lo mntu acinga ngayo? | Ziziphi izibhalo onokuzisebenzisa? |
|---|---|---|
| | | |

## CINGA NGENDLELA YOKUPHENDULA

“Abantu abathandana nabantu besini esinye abanakuzijika—bazalwe benjalo.”

“IBhayibhile ayitsho ukuba iminqweno yokuthandana nabantu besini esinye yimfuza okanye akunjalo. Ithi . . . ”



www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania

# 3




## NGAPHAMBI KOKUBA UPHENDULE, CINGA NGOKU:

Ngaba lo mntu unomhlobo okanye uzalana nomntu othandana nabantu besini esinye? Ngaba lo mntu ucinga ukuba ukungayamkeli indlela enza ngayo izinto umhlobo wakhe okanye loo mntu azalana naye kumenza angamamkeli? Ngaba lo mntu *uyayiqonda nyhani* indlela okujonga ngayo ukuthandana kwabantu besini esinye?

**Okunye:** Ngaba abanye bayakwamkela ukuba bafuna utshintshe indlela ozijonga ngayo izinto ukuze ifane neyabo?

| Ziintoni ezisenokubangela ukuba lo mntu akholelwe koko? | Yiyiphi imibuzo osenokuyibuza ukuze wazi ngakumbi ngendlela lo mntu acinga ngayo? | Ziziphi izibhalo onokuzisebenzisa? |
|---|---|---|
| | | |

## CINGA NGENDLELA YOKUPHENDULA

“Ufanele uyitshintshe indlela okujonga ngayo ukuthandana kwabantu besini esinye.”

“Ndiyasiqonda isizathu sokuba uvakalelwe ngalo ndlela. Sekunjalo, . . . ”

Ukuze ufumane amacebiso angakumbi, funda incwadi ethi, *Imibuzo Yabantu Abaselula—Iimpendulo Eziluncedo,* Umqulu 1, Isahluko 23 esithi: “Ndingayichaza Njani Imbono YeBhayibhile Ngobufanasini?” Le ncwadi iyafumaneka kwi-intanethi kuwww.jw.org/xh. Jonga phantsi kwendawo ethi, IIMPAPASHO > IINCWADI NEENCWADANA EZINEMIFANEKISO.



www.jw.org/xh © 2016 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania